USenzi uyaxukuxa.
Akugqiba uvala impompo.

USenzi wonga amanzi.
Wenza umsebenzi omhle!





USenzi uhlamba izandla
Akugqiba uvala impompo.

USenzi wonga amanzi.
Wenza umsebenzi omhle!

USenzi uhlamba umzimba.
Usebenzisa amanzi awoneleyo.
Akugqiba uvala impompo.

USenzi wonga amanzi.
Wenza umsebenzi omhle!





“Iminqathe namathanga afuna amanzi,” utsho uSenzi. Uthatha amanzi okuhlamba awagalele esitiyeni.

USenzi wonga amanzi.

Wenza umsebenzi omhle.

USenzi uhlamba imbiza nepani.
Akugqiba uvala impompo.

USenzi wonga amanzi.
Wenza umsebenzi omhle!





USenzi ubona impompo ivuza. Ucela umakazi ayibike kwisebe lemicimbi yamanzi.

USenzi wonga amanzi.

Wenza umsebenzi omhle!

USenzi uthi, “Ukonga amanzi kunyanzelekile.” Sonke sinako ukuwonga amanzi.

Vala impompo. Ungachithi nawangangenyembezi enye.

